ISAZISO SOKUGUNYAZISWA KWEZENDALO (INKQUBO YOKUHLOLA)

# UVAVANYO LWESISEKO (BA) YOPHUCISO OLUCETYWAYO NOKWAKHIWA KWEZIBONELELO EZINGASELUNXWEMENI NGAPHAKATHI KO MASPALA i-KING SABATA DALINDYEBO (KSDLM), KWIPHONDO LWEMPUMAKOLONI: e-COFFEE BAY KWAKUNYE nase HOLE IN THE WALL

## Umxhasi: Isebe lezeNdalo, amaHlathi nezokuLoba (DEFF)

Isebe lezeNdalo, amaHlathi nezokuLoba (DEFF), Ukucwangciswa nokubekwa kweliso kwiiProjekti zeziBonelelo – Ukusebenzela uNxweme (eMpuma Koloni), ijolise ekuphuculeni nasekuphuhliseni iziseko ezingqonge amanxweme oMzantsi Afrika. Inxalenye yoku ibandakanya ukuphuculwa nokwakhiwa kweendawo zabakhenkethi kuMaspala iKSDLM, eMpuma Koloni

**Inkqubo yoGunyaziso lokusiNgqongileyo**

Ngokwemigaqo ehlaziyiweyo ye-EIA (Epreli 2017) epapashwe phantsi koMthetho weSizwe woLawulo lokusiNgqongileyo, 1998 (Umthetho onguNombolo 107 ka-1998) (NEMA), njengoko kwenziwe izilungiso, uhlaziyo olucetywayo nolwakhiwo lwamaziko okhenketho ngaphakathi koMaspala KSDLM, eMpuma Koloni, Coffee Bay nase Hole in the Wall, zibangele imisebenzi edwelisiweyo kwiZaziso zoLuhlu 1 (No. R. 984) kunye no-3 (No. R. 985) njengoko ulungisiwe ngo-2017, ngokwamacandelo 24 (2) kunye no-24D we-NEMA, ezifuna ugunyaziso ngokusingqongileyo ngokuthi kwenziwe uVavanyo oluSisiseko (BA). Isebe Lophuhliso Lwezoqoqosho,Imicimbi Yendalo Engqongileyo Nezotyelelo eMpuma Koloni (DEDEAT) ligunya elifanelekileyo lokukhutshwa kwesigunyaziso sendalo esingqongileyo solu phuhliso lucetywayo. Ukulandela iingxoxo neSebe (DEDEAT), kuvunyelwene ukuba isicelo esinye siya kungeniswa kunye neeNgxelo zoVavanyo oluSisiseko ezimbini, esinye iseso seCoffee Bay kunye neseHole in the Wall. Ukuba ngaba kufuneka iLayisensi yokuSetyenziswa kwaManzi, isicelo siya kungeniswa kwiSebe lokuHlaliswa kwaBantu, aManzi noGutyulo (DHSWS) ngokweSahluko se-4 soMthetho waManzi weSizwe, ka-1998 (uMthetho onguNombolo. 36 ka-1998), ngakumbi iCandelo lama-40 (4). i-ACER iyakufezekisa indima noxanduva lweGcisa loVavanyo lwezeNdalo (EAP) ukwenza ii-BA's kunye nenkqubo yokuthatha inxaxheba koluntu, kunye nokungenisa izicelo ezifunekayo kunye namaxwebhu axhasayo kwi-sebe Lophuhliso Lwezoqoqosho, Imicimbi Yendalo Engqongileyo Nezokhenketho eMpuma Koloni (DEDEAT) ukuze liqwalasele kwaye lithathe izigqibo. Ngapha koko, iSebe leSizwe lezokusiNgqongileyo, amaHlathi nezokuLoba (i-DEFF) liyakubandakanywa njengegunya lokunika ingxelo.

**Isimemo sokuthatha inxaxheba**

Ukubhalisa njengoMntu onomdla kunye / okanye weqela elichaphazelekayo kunye nokufumana ulwazi oluthe kratya olunxulumene neeprojekthi ezicetywayo, nceda unxibelelane neOfisi yokuThatha inxaxheba kuLuntu:

Carina Boonzaaier or Cameron Singh
► P O Box 503, Mtunzini, 3867 ► Tel: 035 340 2715
► E-mail: CB@acerafrica.co.za

Nceda uqaphele ukuba ngokungqinelanayo ne-GNR 326, 42 (a), 44 (1) kunye ne-19 (1) (a) (7 Epreli 2017), zonke izimvo ezifunyenweyo ziya kufakwa kwiNgxelo yeeNgxelo neeMpendulo eya kuthi ifumaneke Igunya elifanelekileyo neliza kubekwa kwindawo kawonkewonke njengenxalenye yenkqubo yokuphonononongwa koluntu yeengxelo zeBA.

acer AFRICA

CAP0031